


Isigama Somthetho Law Terminology Regsterterminologie



Pumlani Sibula



UNIT FOR ISIXHOSA, STELLENBOSCH UNIVERSITY LANGUAGE CENTRE

LAW TERMINOLOGY
ISIGAMA SOMTHETHO
REGSTERMINOLOGIE

Pumlani Sibula

Stellenbosch University Language Centre
24 Crozier street
Tel 021 808 3976 • Fax 021 808 2863

Law terminology / Isigama somthetho / Regsterminologie
Published by Stellenbosch University Language Centre
24 Crozier street, Stellenbosch
www.sun.ac.za/taalsentrum

All rights reserved
Copyright © 2010

No part of this publication may be reproduced, stored in a retrieval system, or transmitted in any form or by any means, electronic, mechanical, photocopying, recording, or otherwise without either the prior written permission of the Publishers.

First Edition 2007

ISBN 978-0-620-40270-5

Printed and bound by SunMedia
Victoria Street, Stellenbosch

PREFACE

This trilingual list on Law Studies terminology aims to promote isiXhosa and to support Xhosa-speaking students who sometimes struggle with difficult Law terms. The terminology list, therefore, is an initiative to support and assist these students. It aims to widen the scope of understanding, so that these students are afforded the opportunity to learn and understand these Law terms through their mother tongue. One of the direct outcomes of this endeavour is the intention to elevate isiXhosa to the status of a language of learning in higher institutions. This terminology list is also one of the strategies for highlighting the fact that Stellenbosch University is committed to the promotion of isiXhosa, which is one of the three official languages in the Western Cape.

This terminology list has 283 word entries, which are presented in a user-friendly manner. It is divided into four sections: (i) Introduction to Law; (ii) Family Law; (iii) Customary Law; (iv) Criminal Law. Since Law contains many Latin terms, Latin phrases are used without being translated. This approach is followed in all three languages used in this booklet: English, isiXhosa and Afrikaans.

ACKNOWLEDGEMENTS

This terminology list is the result of cooperation between the Faculty of Law and the Language Centre's Unit for isiXhosa. I sincerely commend lecturers at the Faculty of Law at the *Ou Hoofgebou*. The love, kindness and approachability that they displayed during this endeavour are much appreciated. I salute the following persons for their immense contribution to this initiative:

- Prof. Lourens du Plessis, for making available a book entitled *Introduction to Law*, as a basis for the first section of this booklet.
- Prof. Sonia Human, for making available the book entitled *Introduction to South African Law* written by Robinson, Human and Boshoff. In doing so, she has contributed significantly, since it made it easy for me to access other departments of the Law Faculty and was thus enabled to access additional concepts.
- Ms Mary Nel, a lecturer at the Law Faculty, for providing a list of concepts on crime.
- Ms Phozisa Nana contributed a lot by giving definitions to these concepts, which helped me to translate them into isiXhosa and Afrikaans.

- Ms Deirdré Roos, a freelance translator, who made additions to the Afrikaans terms used in this booklet. Her contribution made it possible for this terminology list to be trilingual.
- Mr Mzo Tshaka, an attorney by occupation, for evaluating whether the isiXhosa used in this booklet is relevant to Law concepts in general.
- Mr Mhlobo Jadezweni, for helping in investigating and editing isiXhosa terms, and comparing them with English and Afrikaans terms.
- Mr Ebrezia Johnson, who is a lecturer of Law Studies at the *Ou Hoofgebou*. He compared the Afrikaans and English terms.
- I am very grateful for the enormous contribution of the Language Service. Their translation, editing, quality control, facilitation and the implementation of the plan facilitated the publication of this work.

It is my honour to express my gratitude to the Department of African Languages, particularly Prof. Marianna Visser, for facilitating the realisation of this terminology list through initiating this project between the Unit for isiXhosa and the Faculty of Law.

INGABULA-ZIGCAWU

Esi sigama sezifundo zoMthetho esilwimi-ntathu sijonge ukuphuhlisa isixhosa nokuxhasa abafundi abalwimi lusisiXhosa xa beqolozelene kwaye benyukiswa intaba ngamagama athile kwezoMthetho. Oko kukuthi – eli lilinge lokuxhasa nokunika igwiba lokuphephela kwaba bafundi. Esi sigama sijonge ukuvula ifestile yengqiqo khon' ukuze nabo baxhamle ekufundeni nasekuqondeni ngolwimi lwenkobe olulolwabo. Le yenye yeenjongo ezithe ngqo zokuphakamisela isiXhosa kwinqanaba lokuba lulwimi lwemfundo ephakamileyo. Le yenye yeenzame zokudandalazisa ukuzibophelela kweYunivesithi yaseStellenbosch ekuphuhliseni isiXhosa, ulwimi lwesithathu oluthethwayo eNtshona Koloni.

Le ncwadana iqulethe iingqiqo zamagama (iientri) ezingama-283. ukuyenza ifundeke ngokulula kubasebenzisi bayo, ikwahlulwe yangamacandelo amane:- (i) Intshayelelo kuMthetho;

(ii) uMthetho wosapho; (iii) uMthetho wesiNtu; (iv) uMthetho woLwaphulo-mthetho.

Najengokuba isifundo sezoMthetho sityebe siteke-teke nje ngamagama esiLatini, la mabinzana esiLatini asetyenziswe enjengoko enjalo ngaphandle kokuguqulwa, koko kuguqulwe inkcazelo kuphela. Oku kwenzeke kuzo zontathu iilwimi ezisetyenziswe kule ncwadana: isiNgesi, isixhosa nesiAfrikaans.

UMBULELO

Esi sigama siyimveliso yentsebenziswano phakathi kweSebe lezoMthetho kunye neZiko lesiXhosa elikwiZiko leeLwimi. Ndibamba ngazibini kwaye ndothulela umnqwazi abahloli besi sifundo sezoMthetho eHoof Gebou. Uthando, ububele, ukufikeleleka abakubonakalisileyo ekudidiyelweni kwale mbiza – akunambaliso.

Ndothulela umnqwazi aba bantu balandelayo ngokuphosa amatye kwesi sivivana:

- uProfesa Lourens du Plessis ngokunikeza ngencwadi yakhe ethi "Introduction to Law" ibe sisiseko kwicandelo lokuqala lale ncwadi.
- uProfesa Human ngokunikeza ngencwadi yabo ethi "Introduction to South African Family Law" ebhalwe nguRobinson, Human noBoshoff. UProfesa Human ube ngumvuli-ndlela ngale ncwadi kuba kutsho kwabalula kum ukungena nakweminye iminyango yeSebe lezoMthetho – kwatsho kwamqengqelezi ukufumana iingqiqo ezongezelelweyo.
- uNkszn M Nel, ongumhloli kweli Sebe loMthetho, ngoluhlu lweengqiqo zecandelo lolwaphulo-mthetho.
- uNkzn Phozisa Nana, ube negalelo elikhulu lokunikeza ngeenkcazelo (definitions) kwezi ngqiqo (concepts) kwatsho kwalula ukuziguqulela esiXhoseni nakwisiAfrikaans.
- uNkskz Deirdre Roos, umguquli weelwimi ozimeleyo othe wongezelela isiAfrikaans esisetyenziswe apha. Igalelo lakhe lisenze esi sigama saba ngulwimi-ntathu.

- uMnu. Mzo Tshaka, oligqwetha ngomsebenzi, ngokuhlola ukuba ingaba isiXhosa esilapha siyawunika na umhluzi ekuveliseni ingqiqo yomthetho ngokuthe gabalala.
- uMnu. Mhlobo Jadezweni ngokunceda ukuphicotha nokuhlela isiXhosa esithelekisa nesiNgesi nesiAfrikaans.
- uEbrezia Johnson, ongumhlohli kwisifundo sezoMthetho eHoof Gebou. Uthelekise isiAfrikaans nesiNgesi.
- Ndibamba ngazibini kwiCandelo leeNkonzo zeeLwimi ngegalelo elingathethekiyo elinjengeli: ukuhlela nokuguqula itekisi, ukuqinisekisa udididi lomgangatho wetekisi, ukuncedisa ekuququzeleleni nokuplana lo msebenzi uwonke.

Ndivakalisa umbulelo ngemilomo eliwaka kwiSebe leeLwimi zaseAfrika, ingakumbi uProfesa Visser, ekuququzeleleni esi sigama ukuba side sibe siyalibona ilanga ngokuqalisa usungulo lwale projekthi phakathi kweZiko lesiXhosa neSebe lezifundo zoMthetho.

VOORWOORD

Hierdie drietalige lys van regsterminologie het ten doel die bevordering van isiXhosa en die ondersteuning van isiXhosa-sprekende studente wat soms probleme met moeilike regsterme ervaar. Die terminologielys is daarom 'n inisiatief om hierdie studente te ondersteun en by te staan. Die strewe met die lys is om begrip te verbreed sodat hierdie studente die geleentheid gebied word om regsterme in hul moedertaal te leer en te verstaan. Een van die direkte uitkomst van hierdie onderneming is die voorneme om aan isiXhosa die status van onderrigtaal in hoër instansies te verleen. Hierdie terminologielys is ook een van die strategieë waardeur die Universiteit Stellenbosch hul verbintenis tot die bevordering van isiXhosa, een van die drie amptelike tale in die Wes-Kaap, beklemtoon.

Hierdie terminologielys bevat 283 woordinskrywings wat op gebruikersvriendelike wyse aangebied word. Dit is in vier afdelings verdeel: (i) Inleiding tot die regte; (ii) Familiereg; (iii) Gewoontereg; (iv) Strafrege. Aangesien die regte baie Latynse terme bevat, word Latynse frases gebruik sonder om dit te vertaal. Hierdie benadering is gevolg in al drie tale wat in hierdie boekie gebruik word, naamlik Engels, isiXhosa en Afrikaans.

ERKENNING

Hierdie terminologielys is die resultaat van samewerking tussen die Fakulteit Regsgeleerdheid en die Taalsentrum se Eenheid vir isiXhosa. My lof aan die dosente aan die Regsfakulteit by die Ou Hoofgebou. Die warmte, vriendelikheid en behulpsaamheid wat hulle gedurende hierdie onderneming openbaar het, word opreg waardeur. Ek bedank ook graag die volgende mense vir hul aansienlike bydrae tot hierdie inisiatief:

- Prof. Lourens du Plessis het die boek getiteld *Introduction to Law* as 'n grondslag vir die eerste afdeling van hierdie boekie beskikbaar gestel.
- Prof. Sonia Human het 'n noemenswaardige bydrae gemaak deur die boek *Introduction to South African Law* deur Robinson, Human en Boshoff beskikbaar te stel, aangesien dit toegang tot ander departemente van die Regsfakulteit vergemaklik het en ek sodoende in staat was om bykomende begrippe te ontsluit.
- Me. Mary Nel, 'n dosent aan die Regsfakulteit, het 'n lys begrippe oor misdaad verskaf.

- Me. Phozisa Nana het 'n groot bydrae gelewer deur omskrywings vir hierdie begrippe te verskaf, wat my gehelp het om hulle in isiXhosa en Afrikaans te vertaal.
- Me. Deirdré Roos, 'n vryskutvertaler, het byvoegings gemaak by die Afrikaanse terme wat in hierdie boekie gebruik word. Haar bydrae het die drietaligheid van hierdie terminologies moontlik gemaak.
- Mnr. Mzo Tshaka, 'n prokureur van beroep, het beoordeel of die isiXhosa wat in hierdie boekie gebruik word oor die algemeen op regsbegrippe van toepassing is.
- Mnr. Mhlobo Jadezweni het gehelp met navorsing oor en die redigering van isiXhosa terme sowel as die vergelyking daarvan met Engelse en Afrikaanse terme.
- Mnr. Ebrezia Johnson, 'n dosent in die Regte by die Ou Hoofgebou het die Afrikaanse en Engelse terme vergelyk.
- Ek is baie dankbaar vir die Taaldiens se reuse bydrae: Hierdie publikasie is moontlik gemaak deur hulle vertaling, redigering, gehaltebeheer, fasilitering en die uitvoer van die aksieplan.

Dit is my voorreg om my dank teenoor die Departement Afrikatale, in die besonder prof. Marianna Visser, uit te spreek vir die fasilitering van die verwesenliking van hierdie terminologies deur hierdie projek tussen die Eenheid vir isiXhosa en die Fakulteit Regsgeleerdheid te inisieer.

Contents / Iziqulatho / Inhoud

Introduction to law Ingabula-zigcawu kwezoMthetho Inleiding tot die reg	1
Family law uMthetho weeNtsapho Familiereg	11
Customary law uMthetho wamaSiko Gewoontereg	27
Criminal law uMthetho woLwaphulo-Mthetho Strafreg	33
Index Isalathiso Indeks	45

Introduction to law
Ingabula-zigcawu kwezoMthetho
Inleiding tot die reg

English

Adjective law

This part of law, also called procedural/prescriptive law, regulates the enforcement of substantive law, i.e. it determines the manner in which a case must be practically handled when a legal rule has allegedly been violated.

Administrative law

This is the law of administration, which regulates the various executive authorities of the state, such as state departments and boards. It also regulates the way state officials and functionaries exercise their powers.

Condition

A condition is an occurrence that lasts for a long time, such as drought and pregnancy. The condition may be the result of a human act or acts, but as a juristic fact has its own legal consequence. It is also an objective juristic fact because its continuance is not (and cannot be) a protracted human act.

Constitutional law

The subdivision of public law that defines the state, and is based on, concerns or interprets a constitution. Constitutional matters such as the structure of the state and who may participate in general elections typically fall within the ambit of constitutional law, whilst a bill of human rights also forms an integral part of it.

Crimes

Unlawful acts that violate the interest and safety of the community or body politic. Someone who is accused of a crime is brought before a court of law by the state and may be punished upon being found guilty.

isiXhosa

Umthetho owongezelelweyo wolwaphulo-mthetho

Eli candelo lilawula ingcaciso ngamagama, ngamanye amazwi, linika isikhokelo sendlela emalixoxwe ngayo ityala xa kusithiwa kwaphulwe umgaqo osemthethweni.

Umthetho wolawulo

Lo ngumthetho wolawulo, ulawula ukusetyenziswa kwegunya lolawulo lwelizwe. Lo mthetho ulawula ukusebenza kwawo onke amagunya ahlukeneyo olawulo, anjengamasebe aseburhulumenteni, iibhodi, njalo-njalo. Ukulawula indlela amagosa oburhulumente amakawasebenzise ngawo amagunya awo.

Iimeko

Imeko sisehlo esihlala ixesha elide, njengembalela, ukumitha, njl-njl. Imeko ingaba sisiphumo sesenzo somntu okanye izenzo, kodwa njengenyaniso yomthetho imeko inesiphumo sayo somthetho. Ikwayinyaniso yento yomthetho kuba ukuqhubekela kwayo akusiso (kungekhe kwabasiso) isenzo esenziwe ngumntu.

Umthetho womgaqo-siseko

Licandelwana lomthetho woluntu olunika iinkcukacha ngobuzwe kwaye lixhomekeke, liphathelene okanye licacisa imiba yomgaqo-siseko. Imiba yomgaqo siseko njengokumisa kwamasebe aseburhulumenteni anakho ukuthabatha inxaxheba kuvoto lukawonke-wonke ilawulwa ngumthetho womgaqo siseko.

Ulwaphulo-mthetho

Izenzo ezingekho mthethweni ezijongela phantsi abahlali kunye nokhuseleko lwabo okanye umbutho wezopolitiko. Umntu otyholwa ngolwaphulo-mthetho ilizwe limzisa phambi kwenkundla yomthetho, kwaye unokohlwaywa akufunyaniswa enetyala.

Afrikaans

Formele reg

Hierdie deel van die reg, ook proses-/voorskriftelike reg genoem, bepaal hoe die materiële/substantiewe reg afgedwing word, d.w.s. dit bepaal die praktiese hantering van 'n geval waar 'n regsreël vermoedelik oortree is.

Administratiefreg

Dit is die reg van administrasie wat die verskeie uitvoerende liggame van die staat, soos staatsdepartemente en rade, reguleer. Dit reël ook die wyse waarop staatsamptenare en ampsdraers hulle magte uitoefen.

Toestand

'n Toestand is 'n gebeurtenis wat oor 'n lang tydperk strek, soos droogte, swangerskap, ens. Die toestand kan die gevolg van 'n menslike handeling of handeling wees, maar het as 'n regsfeit sy eie regsgevolge. Dit is ook 'n objektiewe regsfeit omdat die voortduur daarvan nie deur 'n menslike handeling verleng (kan) word nie.

Staatsreg

Die onderafdeling van die publiekreg wat die staat definieer, en op 'n grondwet gegrond is, daarmee gemoeid is en dit vertolk. Grondwetlike sake soos die struktuur van die staat, en wie aan algemene verkiesings mag deelneem, val tipies op die gebied van staatsreg, terwyl 'n menseregtehandves ook eie daaraan is.

Misdade

Onregmatige handeling wat die belange en veiligheid van die gemeenskap of staatsgemeenskap oortree. Iemand wat van 'n misdad aangekla word, word deur die staat voor 'n geregshof gebring of gedaag en kan by skuldigebevinding gestraf word.

English

Criminal law

Is divided into:

- a) substantive criminal law – which determines which unlawful acts are crimes and prescribes penalties for crimes; and
- b) adjective criminal law – which prescribes the procedures according to which the alleged commission of offences has to be tried.

Delicts

Unlawful acts that violate the subjective right of a legal subject, e.g. A collides with B's car because he is driving negligently, or J plagiarises K's book. The accountability of the perpetrator and the presence of some form of culpability [intent (*dolus*) or negligence (*culpa*)] are conditions for a delict to have been committed.

Duty-observing acts

Lawful acts in fulfilment of legally imposed duties, for example A stops at a stop sign, B pays for his debts.

Environmental law

Focuses on the measures the government takes to maintain the natural environment.

isiXhosa

Umthetho wolwaphulo-mthetho

Wahlulwe :

- a) Wangumthetho ozimeleyo wolwaphulo-mthetho – umisela ukuba zeziphi na izenzo ezingekho mthethweni ezilulwaphulo-mthethweni, ukwamisela izohlwayo kwizenzo zolwaphulo-mthetho.
- b) Wangumthetho owongezelweyo wolwaphulo-mthetho – umisela iinkqubo zokuba zeziphi na izenzo zobutyala ezityholekayo emazixoxwe.

Utyeshelo lwemithetho

Izenzo ezingekho mthethweni ezityeshela ilungelo lomntu womthetho, umz. u-A ungquba imoto ka-B kuba eqhuba ngokungenankathalo, u-J ukhuphela incwadi ka-K injengoko injalo, njl-njl. Into yokuba isaphuli-mthetho sibuthathela kuso ubutyala nokwenza into ngokungakhathali okanye ngenjongo zizinto ezibonakalisa utyeshelo lomthetho.

Izenzo zokuzalisekisa imfanelo

Izenzo ezisemthethweni ekuzalisekiseni imfanelo enikezelwe ngokusemthethweni, umz. u-A uma kuphawu lokuma, u-B uhlawula izikweleti zakhe, njl-njl.

Umthetho wobume bemeko yendalo

Uqwalasela amanyathelo athatyathwa ngurhulumente ekulondolozeni ubume bemeko yendalo.

Afrikaans

Strafreg

Word verdeel in:

- a) materiële strafreg – wat bepaal watter onregmatige handeling misdade is, en boetes vir misdade voorskryf; en
- b) formele strafreg – wat die prosedures voorskryf waarvolgens die beweerde pleging van misdaad verhoor moet word.

Delikte

Onregmatige handeling wat die subjektiewe reg van 'n regsonderdaan skend, bv. A stamp B se kar omdat hy nalatig bestuur, of J pleeg plagiaat uit K se boek. Die aanspreeklikheid van die dader en die teenwoordigheid van 'n vorm van skuldigheid [opset (*dolus*) of nalatigheid (*culpa*)] is voorwaardes vir die pleging van 'n delik.

Pligshandelinge

Regmatige handeling in die uitvoering van regtens opgelegde verpligtinge, bv. A hou by 'n stopteken stil, B vereffen sy skuld.

Omgewingsreg

Handel oor die maatreëls wat die regering tref om die natuuromgewing in stand te hou.

English

Imputed acts

If a legal subject performs a juristic act through some organ or representative, that particular act may be imputed (attributed) to the legal subject concerned.

The principle applicable here is that he/she who acts through another, is considered to have acted himself/herself. Both lawful and unlawful acts may be imputed to a legal subject, who did not physically act himself/herself. For example, if A physically forces B (at gunpoint) to kill C, in legal terms A has committed the murder even though B actually pulled the trigger. Another example in terms of the principle of vicarious liability is when an employer is held delictually liable for the patrimonial or personality damage caused in a culpable way to others by one of his employees in the course of his employment. Employee X's delict is therefore imputed to Employer Y.

Indigenous law

Involves a study of the traditional systems of customary law of the indigenous black groups and tribes in South Africa. Indigenous/customary law may be applied in particular circumstances in disputes among black people.

Juridically non-accountable persons

Also called "persons incapable of guilt", these fall into three main categories:

a) people whose rational abilities and insights are deficient or inadequate over a fairly lengthy period, such as infants or the mentally ill;

b) people whose rational abilities are normally adequate, yet were temporarily inadequate or lacking, such as sleepwalkers or people who act under the influence of alcohol, drugs or an irresistible impulse; and

c) people whose mental abilities are intact, but who act under some or other form of superior power, such as external coercion.

isiXhosa

Izenzo ezibalelwa komnye umntu

Ukuba umntu womthetho wenza isenzo somthetho ngelungu elithile okanye ngokumelwa, eso senzo sinokubalelwa kumntu womthetho ochaphazekayo.

Umthetho-siseko wokuba - lowo wenza into ngomnye umntu uthathwa njengoyenze ngokwakhe, uyasebenza apha. Asizo zenzo zomthetho kuphela, koko nezenzo ezingekho mthethweni zingabalelwa kumntu womthetho ongazenzanga ngokwakhe. Umzekelo, ukuba u-A unyanzela u-B (emkhombe ngompu) ukuba adubule khon' ukuze abulale u-C, ngokomthetho ngu-A obuleleyo nangona phofu ingu-B omdubuleyo. Omnye umzekelo, ngokomthetho-siseko wobutyala obuzenzelelayo, umqeshi ufunyanwa enobutyala ngomonakalo odaleke kwabanye nowenziwe ngomnye wabaqeshwa bakhe ngexesha lokuqeshwa kwakhe. Ukutyeshela umthetho komqeshwa ongu-X, ngamanye amazwi, kubalelwa kumqeshi wakhe ongu-Y.

Umthetho wemveli

Uquka ukufundwa kweenkqubo zemveli zomthetho wamasiko eenzalelwane zamaqela abamnyama kunye neentlanga eziseMzantsi Afrika. Umthetho wemveli/wamasiko unokusetyenziswa kwiimeko ezithile kwiingxabano eziphakathi kwabantu abamnyama.

Abantu abangenakubalelwa butyala ngokwasemthethweni

Aba bantu baziindidi ezintathu ezingundoqo:

a) abantu abangqondo nabangqiqo zabo zilabalabayo okanye zinganelanga kangangexesha elide, njengeentsana okanye abaphambene engqondweni.

b) abantu abangqondo zanele ngokuqhelekileyo, bezikhe azanela okwexesha, njengabantu abasebuthongweni okanye abaphantsi kwefute lotywala, iziyobisi okanye intshukumisa engaxhatisekiyo.

c) abantu abangenanto ingalunganga engqondweni, kodwa abenza izinto bephantsi kwamnadla angaphaya kwabo, njengonyanzelo lwangaphandle.

Afrikaans

Toegerekende handeling

Indien 'n regs subjek 'n regshandeling deur 'n orgaan of verteenwoordiger uitvoer, kan daardie bepaalde handeling aan die betrokke regs subjek toegereken word.

Die beginsel dat die persoon wat deur iemand anders optree, beskou word asof hy/ -sieself opgetree het, is hier van toepassing. Regshandeling en onregmatige handeling kan 'n regs subjek onderdaan wat nie die fisiese handeling self uitgevoer het nie, toegereken word. Bv. Indien A vir B fisies dwing met 'n vuurwapen om vir C dood te skiet, dan het A in regsterme die moord gepleeg selfs al het B in werklikheid die sneller getrek. 'n Ander voorbeeld, ingevolge die beginsel van middellike aanspreeklikheid, kan 'n werkgewer deliktueel aanspreeklik gehou word vir die vermoëns- of persoonlikheidskade wat op 'n strafbare manier deur een van sy/haar werknemers in die loop van sy/haar diens veroorsaak is. Werknemer X se delik, in ander woorde, word aan werkgewer Y toegereken.

Inheemse reg

Behels die studie van die tradisionele regstelsels van die gewoontereg van die inheemse swart groepe en stamme in Suid-Afrika. Inheemse/gewoontereg kan in bepaalde omstandighede op geskille tussen swart mense toegepas word.

Juridies ontoerekeningsvatbare persone

Hierdie persone kan in drie kategorieë verdeel word:

a) mense wie se rasonale vermoëns en insigte oor 'n betreklik lang tydperk gebrekkig of onvoldoende is, soos babas of sielsiekes;

b) mense wie se rasonale vermoëns gewoonlik voldoende is, maar tydelik onvoldoende of gebrekkig was, soos slaapwandelaars of mense wat onder die invloed van alkohol, dwelms of 'n onweerstaanbare impuls optree; en

c) mense wie se verstandelike vermoëns ongeskonde is, maar onder een of ander vorm van oormag optree, soos eksterne dwang.

English

Juristic acts

They are lawful acts that create, amend or terminate rights and duties, and to which the law attaches the very consequences envisaged by the person performing the act.

Juristic acts may be unilateral or multilateral. A unilateral act is performed in full by a single person, e.g. in the case of making a will or donation. More than one person is needed to perform a multilateral juristic act, e.g. concluding a contract or marriage.

Law of contract(s)

A subdivision of the law of obligations that is concerned with personal rights and their concomitant obligations. Sometimes it is regarded as a subdivision of commercial law because the conclusion of contracts plays an important role in commerce. Other fields of applied contract law are the law of agency, the law of sale, the law of lease, the law of partnership, and the law of suretyship.

Law of deeds

Primarily concerned with the registration of immovable property, developed from property law as a specialised field of commercial law.

Law of delict

Sets down the necessary conditions for a delict to have been committed, and regulates personal rights and obligations.

Law of intellectual property

Subdivision of the law relating to patrimony that has to do with rights to intellectual property and their concomitant duties. This area of law primarily deals with questions of patents, copyright and trademarks.

isiXhosa

Izenzo zomthetho

Zizenzo ezisemthethweni ezidala, ezilungisa okanye ezibhangisa amalungelo neemfanelo, nekulapho umthetho ufakela iziphumo ezimisela ngumntu owenza isenzo.

Izenzo zomthetho zingacalanye okanye zibe macala-maninzi. Isenzo esicalanye senziwa ngokuzeleyo ngumntu omnye, umz. ukwenza umyolelo okanye umnikelo. Isenzo somthetho esimacala-maninzi senziwa ngabantu abangaphezu komnye, umz. ukusonga isivumelwano okanye umtshato.

Umthetho wesivumelwano

Usisahlulo esiphantsi komthetho wezibophelelo ojongene namalungelo omntu kunye nezibophelelo ezihamba nawo. Maxawambi uthatyathwa njengesahlulelo somthetho worhwebo kuba ukusongwa kwesivumelwano kudlala indima ebalulekileyo kurhwebo. Ezinye iinkalo zomthetho wesivumelwano osetyenziswayo zezi: umthetho we-arhente, umthetho wentengo, umthetho wokuqeshisa, umthetho wolwahlulelwano, umthetho wesibambiso.

Umthetho wobunini bezindlu

Uchaphazela ngakumbi ukubhaliswa kwempahla engenakususwa, uphuculwe kumthetho wempahla njengenkalo ekhethekileyo yomthetho worhwebo.

Umthetho wokutyeshelwa komthetho

Ubeka imimiselo eyimfuneko ukuze kube kwenzekile ukutyeshelwa komthetho, ulawula amalungelo obuntu nezibophelelo.

Umthetho olawula ubunini bokuyila

Lo mthetho usisahlulo esingaphantsi komthetho ophathelele kwilifa elinento yokwenza namalungelo kwibango lobungqondi kunye nezibophelelo ezihamba nawo. Le nkalo yomthetho ijongene ikakhulu nemibuzo yokukhuselwa kwamagunya obunini, ilungelo elisemthethweni lomsunguli, ilungelo lobumnini kokubhaliweyo kunye neempawu zorhwebo.

Afrikaans

Regshandelinge

Dit is regmatige handelinge wat regte en verpligtinge skep, wysig of beëindig, en waaraan die reg dieselfde gevolge koppel wat deur die persoon wat die handeling uitvoer, voor oë gestel word.

Regshandelinge kan eensydig of meersydig wees. 'n Eensydige handeling word ten volle deur slegs een persoon uitgevoer, bv. wanneer 'n testament opgestel of 'n donasie gemaak word. Meer as een persoon is nodig om 'n meersydige regshandeling uit te voer, bv. om 'n kontrak of huwelik te sluit.

Kontraktereg

Die onderafdeling van die verbintenisreg wat oor persoonlike regte en hulle gepaardgaande verpligtinge handel. Dit word soms as 'n onderafdeling van handelsreg beskou omdat die aangaan van kontrakte 'n belangrike rol in handel speel. Ander velde van toegepaste kontraktereg is verteenwoordigingsreg, koopkontrakte, huurkontrakte, vennootskappe en borgstelling.

Aktesreg

Behels hoofsaaklik die registrasie van onroerende eiendom, en het uit die eiendomsreg as 'n gespesialiseerde veld van handelsreg ontwikkel.

Deliktereg

Skryf die vereistes voor vir die pleeg van delikte, en reël persoonlike regte en verpligtinge.

Immateriële / goederereg

Die onderafdeling van die vermoënsreg wat met immateriële-goedereregte en die gepaardgaande verpligtinge gemoeid is. Hierdie regsgebied handel hoofsaaklik oor kwessies soos patente, outeursreg en handelsmerke.

English

Law of obligation

Subdivision of the law relating to patrimony that has to do with personal rights and their concomitant obligations. It is further subdivided into the law of contract.

Law of personality

This law regulates the origin, content, transfer and termination of personality rights and their concomitant duties, and makes provision for the protection of these rights and enforcing the duties mentioned by means of the civil process.

Law of persons

Defines the legal subject and his/her legal subjectivity. It is a subdivision of private law that regulates the creation and termination of legal subjectivity and the status of persons.

Law of succession

Regulates the management of a legal subject's estate (or patrimony) after his/her death, and is therefore a subdivision of the law relating to patrimony that overlaps with other subdivisions of the law relating to patrimony for certain purposes. The law of succession also stipulates the requirements for making a valid will.

Law of taxation

Deals with the legislative measures a government takes in order to collect taxes. It forms part of administrative law, but since tax plays a crucial role in business activities, taxation law is seen as commercial law.

Law of unjustified enrichment

Deals with a benefit by chance, mistake or other misfortune, for which the one enriched has not paid / worked and which morally and ethically he/she should not keep.

isiXhosa

Umthetho wesibophelelo

Usisahlulo esiphantsi komthetho ophathelele kwilifa elininto yokwenza namalungelo omntu kunye nezibophelelo ezihamba noko. Uphinde waba ngumthetho wesivumelwano.

Umthetho wobuntu

Lo mthetho ulawula imvelaphi, isiqulatho, ukudluliswa nokubhangiswa kwamalungelo obuntu kwanezibophelelo ezihamba nawo, wenza ulungiselelo lokukhuselwa kwala malungelo kwanokunyanzelisa izibophelelo ezikhankanywe ngeendlela zenkqubo yoluntu.

Umthetho wabantu

Uchaza umntu ophantsi komthetho nokuba phantsi komthetho. Usisahlulo esiphantsi komthetho wabucala olawula ukudalwa nokubhangiswa kokuba phantsi komthetho nesikhundla sabantu.

Umthetho wamafa

Ulawula ilifa lomntu akuba ebhubhile, uthi ngoko ube sisahlulo esiphantsi komthetho ophathelele kwilifa, ongenana nezinye izahlulelo eziphantsi komthetho ophathelele kwilifa ngezizathu ezithile. Umthetho wamafa ukwabeka iimfuneko zokwenziwa komyolelo osemthethweni.

Umthetho worhafiso

Ujongene namanyathelo asemthethweni athatyathwa ngurhulumente ekuqokeleleni iirhafu. Lo mthetho wenza inxalenye yomthetho wolawulo, kodwa kuba irhafu idlala indima ebalulekileyo kushishino, umthetho worhafiso ubonwa njengomthetho worhwebo.

Umthetho othintela ukuzityebisa ngokungekho mthethweni

Inzuzo efunyanwa ngebhaqo, ngempazamo okanye ngelishwa, ethi lowo oyifumanayo abe engayihlawulelanga / engayisebenzelanga kwaye engamele kuyigcina ngokomthetho wokuziphatha.

Afrikaans

Verbintenisreg

Onderafdeling van die vermoënsreg wat betrekking het op vorderingsregte en die gepaardgaande verpligtinge. Dit word verder in kontraktereg onderverdeel.

Persoonlikheidsreg

Hierdie reg reguleer die oorsprong, inhoud, oordrag en beëindiging van persoonlikheidsregte en die gepaardgaande pligte, en maak voorsiening vir die beskerming van hierdie regte en die uitvoering van die vermelde pligte deur die siviele proses.

Personereg

Omskryf die regs subjek en sy/haar regs subjektiwiteit. Dit is 'n onderdeel van die privaatreë wat die skep en beëindiging van regs subjektiwiteit en die status van persone reël.

Erfreg

Reguleer die bestuur van 'n regsonderdaan se boedel (of vermoë) ná sy/haar dood, en is daarom 'n onderafdeling van die vermoënsreg wat vir sekere doeleindes met ander onderafdelings van vermoënsreg ooreenstem. Erfreg lê ook die vereistes vir die opstel van 'n geldige testament neer.

Belastingreg

Behels wetgewende maatreëls wat die regering tref om belasting in te vorder. Dit vorm deel van administratiewereg, maar aangesien belasting 'n belangrike rol in sake-aktiwiteite speel, word belastingreg as deel van handelsreg beskou.

Verrykingsreg

Is gemoeid met 'n voordeel wat per toeval, 'n fout of ander ongeluk iemand verryk wat nie daarvoor betaal of gewerk het nie, en dit nie volgens sedelike en etiese beginsels behoort te hou nie.

English

Law of wardship / curatorship

Regulates the relationship between child and parent, or between minor child and guardian. The legal rules regarding the supervision of mentally ill people are also sometimes included hereunder.

Law relating to patrimony

Regulates or organises the origin, content, transfer and termination of patrimonial rights and duties, and makes provision for the protection of these rights and enforcement of the concomitant duties by means of civil process.

Lawful acts

They are acts in accordance with the precepts of positive law, which fall into the following categories:

- juristic acts
- procedural acts
- power-exercising acts
- duty-observing acts and
- lawful acts in public law

Lawful acts in public law

The acts that have been referred to thus far primarily fall in the domain of private law. However, government as well as its subjects can naturally also act lawfully in the domain of public law, and thus exercise its public law capacities. A police officer may for example lawfully arrest somebody, or a citizen may vote in a general election.

Natural events

Occur due to the influence of natural forces or the behaviour of animals, for example A is born, B dies, the wind blows the roof off C's house, D's dog bites E.

isiXhosa

Umthetho wobulindi / ubugcini

Ulawula ubudlelwane obuphakathi komntwana nomzali okanye phakathi komntwana nomgcini. Imithetho esemthethweni emayela nokonganyelwa kwabantu abangaphilanga kakuhle engqondweni, maxawambi, nayo iqukwa kulo mthetho.

Umthetho ophathelele kwilifa

Ulawula okanye ulungiselela imvelaphi, isiqulatho, ukudluliswa nokubhangiswa kwamalungelo elifa nemisebenzi, wenze ulungiselelo lokukhuselwa kwala malungelo kwanokunyanzela izibophelelo ezihamba nawo ngeendlela zeenkqubo zabemi.

Izenzo ezisemthethweni

Zizenzo ezihambelana nemiyalelo yomthetho ovumayo, eziwela kwezi ndidi zilandelayo:

- izenzo zomthetho
- izenzo zenkqubo
- izenzo zokusetyenziswa kwamandla
- izenzo zokuzalisekisa imfanelo
- izenzo ezisemthethweni kumthetho woluntu

Izenzo ezisemthethweni kumthetho woluntu

Izenzo ezibizwa ngolo hlobo okwangoku, ikakhulu zikulawulo lomthetho wemicimbi yasekhaya. Urhulumente kwanabantu abaphantsi kwakhe bangenza ngokusemthethweni kulawulo lomthetho woluntu, ngokwenjenjalo babe basebenzisa izikhundla zabo zomthetho woluntu. Umzekelo, ipolisa lingabamba umntu ngokusemthethweni okanye ummi angavota kuvoto lukawonke-wonke, njl-njl.

Iziganeko zendalo

Zehla ngenxa yeempembelelo zamandla endalo okanye indlela yokuziphatha kwezilwanyana, umzekelo, u-A uzelwe, u-B uyafa, umoya uncothulela kude uphahla lwendlu ka-C,inja ka-D ilumla u-E.

Afrikaans

Voogdyreg/kuratorskap

Reguleer die verhouding tussen 'n kind en ouer, of tussen minderjarige kind en voog. Die regsreëls betreffende toesig oor geestesongestelde persone word ook soms hierby ingesluit.

Vermoënsreg

Reguleer of organiseer die oorsprong, inhoud, oordrag en beëindiging van vermoënsregte en -pligte, en maak ook voorsiening vir die beskerming van hierdie regte, en die uitvoering van die gepaardgaande verpligtinge deur die siviele proses.

Regmatige handeling

Dit is handeling wat ooreenstem met die voorskrifte van die positiewe reg, wat in die volgende kategorieë val:

- regshandeling
- prosesvoeringshandeling
- bevoegdheidshandeling
- plighandeling
- regmatige handeling in publiekreg

Regmatige handeling in die publiekreg

Die handeling waarna daar tot dusver verwys is, val hoofsaaklik op die gebied van privaatreë. Die regering en sy onderdane kan egter ook regmatig in die domein van die publiekreg optree, en dus hulle publiekregtelike bevoegdhede uitoefen. 'n Polisiebeampte kan byvoorbeeld iemand regmatig arresteer, of 'n burger kan in 'n algemene verkiesing stem.

Natuurlike gebeurtenisse

Vind plaas weens die invloed van natuurkragte of die gedrag van diere, byvoorbeeld A word gebore, B gaan dood, die wind waai die dak van C se huis af, D se hond byt vir E.

English

Objective juristic acts

These are juridically relevant events that cannot be ascribed to legal subjects (occur outside of the human will) but nevertheless create, amend or terminate legal relationships, capacities as well as legal subjectivity and legal status as such.

Such events fall into the following categories:

- natural events,
- the acts of non-accountable people, and
- conditions

Power-exercising acts

Lawful acts whereby the powers deriving from subjective rights are exercised, for example A lives in/rents/sells his/her house.

Private international law / conflict of laws

Helps to determine which legal system's laws are to be applied in cases where legal subjects from different countries become involved in a dispute, or where the events which gave rise to the dispute occurred in different countries.

Procedural acts

Acts performed by parties in connection with and during civil litigation, such as process and bringing an interim application to court.

Property law

Subdivision of the law relating to patrimony that is concerned with real rights and their concomitant duties.

isiXhosa

Izenzo zezinto ezinganakumangalelwa

Ezi ziziganeko zomthetho ezinganakubalelwa kubantu bomthetho (zenzeka ngokungaphaya kwentando yomntu), kodwa nangona kunjalo zidala, zilungise okanye zibhangise ubudlelwane bomthetho, izikhundla kwangokunjalo zixhomekeke kumthetho nakwisikhundla somthetho ngokunjalo.

Iziganeko ezinjalo ziwela kwezi ndidi zilandelayo:

- iziganeko zendalo,
- izenzo zabantu abangenakubalelwa butyala,
- iimeko

Izenzo zokusetyenziswa kwamandla

Zizenzo ezisemthethweni apho kusetyenziswa amandla aphuma kumalungelo omntu, umz. u-A uhlale endlwini yakhe/uqeshisa ngendlu yakhe/uthengisa indlu yakhe.

Umthetho wabucala wezizwe zehlabathi / imithetho yembambano

Unceda ukumisela ukuba yeyiphi na imithetho yenkqubo yomthetho emayisetyenziswe kwiimeko apho abantu abavela kumazwe ahlukeneyo bathi baxabane okanye apho iziganeko ezidala ingxabano zenzeka kumazwe ahlukeneyo.

Izenzo zenkqubo

Izenzo ezenziwa ngamaqela ngokuphathelele nexesha lokumangalelana koluntu, ezinjengokudlulisela amaphepha enkundla kunye nokuzisa isicelo sethutyana enkundleni.

Umthetho wempahla okanye umthetho wezinto

Umthetho wempahla licandelwana eliphantsi komthetho ophathelele kwilifa elichaphazela amalungelo okwenene kunye nezibophelelo ezihamba nawo.

Afrikaans

Objektiewe regsfeite

Dit is juridies relevante gebeurtenisse wat nie aan regssubjekte toegereken kan word nie (wat buite die menslike wil plaasvind) maar wat nietemin regsverhoudinge, bevoegdhede asook regsobjektiwiteit en status kan skep, wysig of beëindig.

Sulke gebeure val in die volgende kategorieë:

- natuurlike gebeure;
- handelinge van ontoerekeningsvatbare persone;
- en toestande

Bevoegdheidshandeling

Regmatige handelinge waardeur die bevoegdhede wat van subjektiewe regte afgelei is, uitgeoefen word, byvoorbeeld A bly in/huur/verkoop sy/haar huis.

Internasionale privaatreg

Help om te bepaal watter land se regstelsel toegepas moet word in gevalle waar regsonderdane van verskillende lande betrokke is in 'n geskil, of waar die gebeure wat tot die geskil aanleiding gegee het, in verskillende lande plaasgevind het.

Prosesvoeringshandeling

Handelinge wat deur partye uitgevoer word met betrekking tot en tydens siviele litigasie, soos die instel van 'n aksie of 'n tussentydse aansoek by die hof.

Sakereg

Onderafdeling van vermoënsreg met betrekking tot werklike regte en hulle gepaardgaande pligte.

English

Public international law

Regulates the mutual relations between sovereign independent states. It is regarded as public law in the sense that states (as bearers of political authority) are its subjects.

From this law stems the following subdivisions:

- a) conventional international law – which sets norms for the protection of human rights that have developed particularly since the World War II; and
- b) humanitarian law.

Public law

In terms of public law, a government/state acts with power or authority. Public law regulates the relationship between the state (as bearer of state authority) and the state's subjects (as subservient to that authority), as well as the mutual relationship between state or government bodies and states themselves.

Subjective juristic facts: human acts

Subjective juristic facts are events that occur through the instrumentality of human beings, i.e. the acting person must be accountable for the act. He/she must be able to foresee and understand the consequences of his/her acts. If it is an unlawful act, he/she must be able to distinguish between right and wrong.

The acts of non-accountable people

Certain categories of people may physically perform certain acts, for which they are not held legally accountable, but which may in fact be the direct cause of legal consequences. For example, if a mentally ill person stabs someone to death, all the legal consequences of that death come into effect.

Traditional classification of law

The division of law that proceeds from the basic distinction between public law and private law.

isiXhosa

Umthetho wabantu bezizwe

Ulawula ubudlelwane obufanayo phakathi kwamazwe azimeleyo. Ngumthetho woluntu ngendlela yokuba amazwe (njengabathwali begunya lopolitiko) aphantsi kwawo.

Phantsi kwalo mthetho kuphuma ezi ndidi zemithetho zilandelayo:

- a) umthetho wemvumelwano yezizwe zehlabathi – omisela ukukhuselwa kwamalungelo abantu owaphuhliswa ukususela kwiMfazwe yeSibini yeHlabathi,
- b) umthetho wentlalontle yabantu.

Umthetho woluntu

Kulo mthetho urhulumente (abo bongamele ilizwe) usebenzisa amandla okanye igunya. Izimiselo zoluntu zilawula ubudlelwane obuphakathi kwelizwe (njengomthwali wegunya lelizwe) nabaphantsi kwalo (njengabaphantsi kwelo gunya). Bakwalawula ubudlelwane obufanayo phakathi kwelizwe okanye amasebe karhulumente kunye nezizwe phakathi kwezinye.

Iinyaniso zomntu womthetho: izenzo zomntu

Iinyaniso zomntu womthetho ziziganeko ezenzeka ngenxa yomntu, okt umntu owenzayo kufuneka abe noxanduva lwesenzo. Kufuneka asibone kwangaphambili kwaye asiqonde isiphumo sesenzo sakhe. Ukuba sisenzo esingekho mthethweni, makakwazi ukwahlula phakathi kokulungileyo nokungalunganga.

Izenzo zabantu abangenakusoleka

Iindidi ezithile zabantu zingenza izenzo ezithile zezandla ezingenakubalelwa kubo ngokomthetho, kodwa zibe zingunobangela othe ngqo weziphumo zomthetho. Umz. ukuba umntu ophambeneyo ngokwasengqondweni uhlabisa umntu ngemela afe, zonke iziphumo zoko kufa ziyaqala ukusebenza.

Ukukhulwa komthetho

Ukwahlulwa komthetho kususela kumahluko ongundoqo phakathi komthetho woluntu nomthetho wabucala.

Afrikaans

Volkereg

Reguleer die onderlinge verhoudinge tussen soewerein onafhanklike state. Dit word as publiekreg beskou in dié sin dat state (as draers van politieke gesag) die onderdane daarvan is.

Uit hierdie reg spruit die volgende onderafdelings:

